


# UKHUPHISWANO

 Lindlela Zakhe aziphengululeki, azinjalo na? INkosi emangalisayo! Kumnandi kanjani ukuthemba Yena. Ndiqinisekile niye naba nexesha elimnandi ngobu busuku. Kwaye nje ukuvula umnyango phaya imizuzu embalwa egqithileyo nokuva uDade Gertie ecula langoma indala, *Qhubeka Ubambelele, Nje Enye Iyure*, ibuyisela iinkumbulo zebandla lam elincinci, xana nje kwakuphambi kokuba ndimke ngelinye ixesha ukuya emasimini omsebenzi wobumishinari. Ndijongile ngoku ku “Funani uThixo Kuqala” apha phambi ekunqumlezeni lo mqandi mdala, Ndiyakhumbula uSammy Davidson waqaba okuya phaya malunga namashumi amabini anesihlanu eminyaka eyagqithayo, kwelinye icala ndicinga inayo, “Uyakumchithela Phi Unaphakade? Yicinge!” Kwaye kanye *apha* yayi ngu—ngu “Mfazi Equleni,” no, “Daniyeli Emhadini WeeNgonnyama.” Owu, bethu! Izinto ezininzi zenzekile kusekela ngoko.

<sup>2</sup> Nje malunga nentsimbi yesihlanu ngale mvakwemini ndifumene umnxeba wentlekele osuka malunga namashumi amathathu, amashumi amane eemayile ezantsi ephandleni apha, womfazi ofayo, kunye nesixabiseke kakhulu isihlobo, umama kaGeorgie Carter. Ndiye ndazi kwakukho abalungiseleli abaninzi apha bokuyibamba de ndibuyele emva. U-Edith ube embi kakhulu, naye. Kwaye ngelixa sasiphaya, iNkosi uThixo yeza ekubonakaleni, kwaye uDade Carter ukude kakhulu ekufeni. Ke, ke sinombulelo ngokuya.

<sup>3</sup> Kwaye ngoku iba lixesha lenkonzo yomthendeleko kwamsinyanana, Ndinga imalunga nentsimbi yeshumi xana bazakuba nayo. Leliphi ixesha enilibekele ukuwunikeza? [UMzalwana uNeville uthi, “Nangaliphi ixesha, ukuqalela ngoku nangaliphi ixesha kude nje kugqithe icala leshumi elinyanye.”—Mhl.] Nje nangaliphi ixesha busithi si. . . Bangaphi abazakuthabatha umthendeleko ngobu busuku, masiboneni izandla zenu. Oko, owu, oko kuyamangalisa. Kulungile, ndifuna ukuthetha nje igama okanye amabini. Mhlawumbi ndiyakubeka iwotshi yam phandle apha ukwenzela malunga nemizuzu elishumi, ishumi elinesihlanu, siyakuqalisa umthendeleko. Ngoku, ingaba niyamthanda Yena? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Amen. Kwaye ndiyayazi niye naba nexesha elimnandi, anibanga nalo?

<sup>4</sup> Ke, ukuba apha asingoMzalwana uThomas Kidd, noDade Kidd, ukusuka ezantsi e-Ohio. Ndiyaqikelela bebephezulu. Owu, kulungile oko, ndiyathemba iseteyiphini kwaye ndiyakuyifumana. Niyayazi, abanikezeli. Baziintsuku nje

ezimbalwa phantsi kwekhulu, kodwa—kodwa oko koko kundigcina ndikhaliphile, kukubona abantu abafana nabaya. Ndingcinga, ndiyindoda endala, kwaye phambi kokuba ndizalwe babeshumayela iVangeli. Kwaye ngoko apha ndiyindoda endala, kwaye bona, ukuba abanakuphuma baze benze ilizwi labo livakale, bathabatha nje iteyiphu eshicilelayo baze baye ukusuka kwisibhedlela ukuya kwisibhedlela, indlu ukuya kwindlu, beshumayela iVangeli. Oko kulunge ngamandla. Amen. Ndiqinisekile ndiyabavuyela kunye nabo bonke abo ababengxamele ezi nkonzo apha.

<sup>5</sup> Ngoku, khumbula, siyakuyibhengeza ngoku, iNkosi ithandile, nje kwamsinyane icawa igqityiwe, ntoleyo ababanga iyakuba malunga neyeshumi kaFebhrwari, ngokuba, thina, iNkosi ithandile, sifuna ukuthabatha ubuncinci isibhozo okanye ishumi leentsuku, okanye mhlawumbi iiveki ezimbini, kula *Matywina Asixhenxe* eSityhilelo. Kwaye siyakuvakalisa amakhadi kubantu abasihambeleyo ukusuka kufutshane, ukusuka ekhaya apha, size sibazise kwaphambi kwexesha kakhulu ukuze ukuba bathabatha isigqibo sokuza, kuhle, siqinisekile siyakuvuyela ukuba nani apha. Kwaye mhlawumbi iNkosi iyakusinika olunye udandalaziso loBukhona Bayo njengoko Yenzileyo kwixesha eligqithileyo xana sathi sagqiba nge*Zigaba eZisixhenxe zaMabandla*.

<sup>6</sup> Ukhe wafuna ukuthandazela umntu othile, ngokuba, ndikhumbuleni lonke ixesha, kuba ndingulowo owudingayo ngenene. Ngoku, ndiluhlobo olunentloni ngesiqu sam, ukuthabatha lamashumi, amashumi amahlanu emizuzu apha, ukutsho into encinci ngaphambi kokuba siqalise, kodwa masithobiseni iintloko zethu nje umzuzu.

<sup>7</sup> Nkosi uYesu, owu, idabi liyakuphela ngenye imini, kwaye akusayi kubakho ogulayo wokuba athandazelwe, kwaye akusayi kubakho boni kwakhona ukuba baguquke. Kodwa, Bawo, ngelixesha lo mhla uyilonto uyiyo, masisebenzeni ngelixesha sinokukhanya kokuba sisebenze kuko, kuba iyure iyeza xana kungekho mntu unakho ukusebenza. Ngoku, nje imizuzu embalwa, Nkosi, ndiyakuvakalelwa kakubi ukuba andiyenzanga, ndiye ndavala lo nyaka ngaphandleni kokutsho amazwi embalwa ngaphezulu. Ndingcede, Bawo, ndiyathandaza, ukuba ndingatsho into ethile eyakutshala ukomelela entliziyweni yabantu Bakho, yokokuba siyakumnka apha ngobu busuku emveni kokuthabatha umthendeleko, kwaye siyaqonda ukuba kumthendeleko kukho amandla. USirayeli wathabatha umthendeleko kuqala ezantsi eYiphutha, waza wahamba amashumi amane eminyaka ngaphandleni kokuba izihlangu zabo ziphele okanye ziguge. Kwaye, kwizigidi ezimbini zabantu, akubangakho utyhafileyo phakathi kwabo xana baphumayo entlango. Nkosi, senze sikhumbule oba busuku njengoko

sisondela kule yure inkulu. EGameni likaYesu siyathandaza. Amen.

<sup>8</sup> Ukuba ndingathetha umxholo endithe ndawubhala phantsi ukuba bendizakuqalisa kuwo ngale mvakwemini, siyakuba lapha ngentsimbi yesihlanu kusasa. [Umntu othile uthi, “Oko kuyakube konke kulungile.”—Mhl.] Kodwa ndifuna ukufunda nje iLizwi ukusuka...[“Oko kuyakube konke kulungile.”] Enkosi. Ukusuka kwabase Efese, isahluko se-6, umqolo we-12, kwaye nje ukwenzela imizuzu embalwa, ukomeleza.

*Ngokuba umzamo wethu asingowokuzamana  
negazi nenyama, ngowokuzamana nazo izilawuli,  
nawo amagunya, ngokuchasene... nabaphathi bo...  
bumnyama belihlabathi, ngokuchasene noomoya  
abakhohlakeleyo kwiindawo eziphezulu.*

<sup>9</sup> “Oomoya abakhohlakeleyo kwiindawo eziphezulu.” Kwaye ndingathanda ukutsala kokuya omncinci umxholo wemizuzu elishumi okanye ishumi elinesihlanu, okanye isiqendwana, gxebe, ndifuna ukuyibiza: *Ukhuphiswano*. Ukhuphiswano luvavanyo lwamandla. Kwaye thina, apho sine... ukuvavanywa kwamandla. Sasiqhele ukuba... AmaNdiya ayeqhele ukubeka umlilo, kwaye ebesaya kubeka amadoda amaninzi kwesi siphelo sentambo, namaninzi kwesi siphelo, kwaye u—ukuvana amandla ngokutsalana ngentambo, ukhuphiswano lwamandla, luyakutsala iqela eloyiswayo linqumle umlilo. Kwaye ngoku siyayazi kukho izinto ezininzi, kwaye singakusekelezela oku okwemizuzu embalwa, ku—kukhuphiswano, kodwa ndifuna ukuthetha okwale mizuzu ngokukhawuleza phezu kolona khuphiswano lukhulu olukhoyo, oko, kuphakathi kweBandla noSathana. La mandla makhulu kaSathana. Kwaye sifuna ukuthetha ngamandla amakhulu kaThixo eBandleni Lakhe.

<sup>10</sup> Ngoku, olu khuphiswano lukhulu lube luqhubeka iminyaka emininzi. Laqalisa eZulwini, kwaye uSathana wakhutshelwa ngaphandle waya emhlabeni, kwaze emva koko waba lutshaba kubantu bakaThixo. Kwaye, kusukela ngoko, wasebenzisa onke amandla akhe kunye nobuchule bakhe ukuzama ukutsalela abantu bakaThixo emlilweni, okanye, kwimililo yakhe.

<sup>11</sup> Kwaye siyayazi ukuba Ngubani oyena unamandla, uThixo unawo. Kwaye uThixo, xana Wanikeza abantu Bakhe eyona Nto Awayenakho ukulwa uSathana ngayo, yayiliLizwi Lakhe. Ngoku, ngokuba iLizwi nguThixo, kwaye ngubani oyena onamandla kunoThixo? Ke, iLizwi nguThixo, kwaye iLizwi liba ngamandla ethu. UThixo eBandleni, uba ngaMandla okutsalela uSathana emlilweni yakhe athe wayenza. Kwaye ukutsalana kuyaqhubeka. Ngoku, uYesu wathi, kuMarko i-16, “EGameni Lam bayakukhupha iidemoni.”

<sup>12</sup> Ngoku, ndiyayazi oko yintetho endala yokuba abantu, okanye, kukho intetho endala yokuba...kwaye ayindalanga

kakhulu, nakubeni. Abantu abakholelwa kwiidemoni kulomhla. Kodwa into yokwenza, kolwam uluvo, kukulazi utshaba lwakho. Kwaye—kwaye lwazi utshaba lwakho, kwaye ziqeqeshele ukhuphiswano ozakubanalo xana uhlangana nalo, ngokuba uzakuhlangana nalo. Kwaye lwazi lona, wazi awalo... yazi yintoni amandla alo, uze emva koko uziqeqeshele olu khuphiswano xana uhlangana nalo. Kuba yinto enye eqinisekileyo, uzakuhlangana nalo, kwaye ke ziqeqeshele ukhuphiswano.

<sup>13</sup> Ngoku, ukuziqeqeshela ukhuphiswano kufana nje nembethi-manqindi. U—utshaba lwayo ezakuhlangana nalo phandle phaya kukhuphiswano, ukulilwa, umlwi wenene usoloko esazi kwaye efundisisa akhuphisana naye. Ufundisisa ukubetha kwakhe, ayazi apho alwela ngakhona, okokuba ugobela phambili, ujingela ngasemva, ulwa ngesandla sasekunene okanye ngesandla sasekhohlo. Ufundisisa konke oku. Kuze emva koko ukuba ungolungileyo, ichule lomlwi, uzifumanela iqabana lokuziqeqesha ngokulwa nalo eliyakuthi lilwe nje ngakhuphisana naye umlwi, kuba uyakukwazi konke ukubetha kwakhe xana efika kula ndawo.

<sup>14</sup> Kwaye ndicinga leyo yinto elunge kakhulu yokuba amaKristu ayenze. Injalo lonto. Kwaye ngoku ukuba nifuna ukuqalisa ukuziqeqesha, qalisa ngoYohane 3:16, uMthetho oMkhulu. Qalisani kanye ngokuya, kwaye okuya kuyakumisa emgangathweni. Kuze emva koko niziqeqeshele i—izithonga zokuwisa, ngokuba kuzakufuneka uzisebenzise. Wonke umntu uyakwazi oko. Kufuneka uziqeqeshele ukulibetha utshaba lwakho. Kwaye ngalo lonke ixesha, uThixo usebenzisa iLizwi Lakhe. Kufuneka sikhumbule ukuba uThixo usebenzisa iLizwi Lakhe ukoyisa utshaba Lakhe. Ukuba uThixo angacinga okanye ubenokunika abantu Bakhe nantoni engcono yokweyisa utshaba ngayo, ngebe Uyenzile. Ke njengoko ndasoloko ndisitsho, “Xana uThixo esenza isigqibo, eso sesona singcono sikhoyo. Akazange kwafuneka aguqule izigqibo Zakhe.” Ke isigqibo sokuqala uThixo awanika abantu Bakhe emyezweni we Edeni, ukulwa utshaba, yayiliLizwi Lakhe. Babenqatyiswe ngeLizwi Lakhe.

<sup>15</sup> Kwaye ngoku utshaba lizakufundisisa u... ubuchule bethu ngeLizwi. Kwaye, ngoku, uSathana wakufundisisa okuya konke ngokugqibeleleyo de, xana weza ku Eva, wayeno—nobungcono ubuchule awayenokubusebenzisa kuye, kwaye okuya kwakukukuzathuza ngeLizwi. Ngoku, akusokuze ufune ukuzathuza ngeLizwi likaThixo. Likholelwe nje Lona. Sukuzama ukuLicacisa. Sukuzama ukuLiqikelela. Ngoku, akunakumqikelela uThixo, ke uThixo liLizwi, kwaye Lenziwe nje ukuba likholelwe. Kwaye lawo ngaMandla ethu, yamnkela nje iLizwi. Kwaye nabani uyayazi ukuba imbewu kuhlobo olulungileyo lomhlaba iyakuvelisa ngokohlobo lwayo. Kwaye sithabatha nje iLizwi.

<sup>16</sup> Kwaye, ngoku, u-Eva waqalisa ukuma azathuze, xana lona . . . wacaphula iLizwi kuye, okokuba, “Utshilo uThixo, ‘Uze ungadli kuwo, kuba ngomhla othe wadla kuwo’ ngalo mhla siyafa.”

<sup>17</sup> Kwaye uSathana akazange angangqinelani naye. Wathi, “Ngokuqinisekileyo, kunjalo oko.” Kodwa wathi, “Uyabona, udinga okuthile okutsha ukuKhanya.” Into ethile encinci eyahlukileyo koko akutshilo yo uThixo. “Kwaye ukuba uyayenza, uyakuba ngohlakaniphileyo nje kancinci. Amehlo akho ayakuvuleka.”

Kodwa wathi, “Ke, uThixo uthe siyakufa.”

<sup>18</sup> Wathi, “Owu, ngokuqinisekileyo . . .” Yabona, nakuya usiza, nje kangakaya, “Ngokuqinisekileyo akusayi kufa.” Kodwa uThixo uthe niyakufa, kwaye oko kuyigqibile! Kwaye oko—oko kwaphula okwakutsalana ukuvana amandla kukhulu ngoko, kwaze kwatsalela lonke uhlanga loluntu ekufeni, ngokuba u-Eva waphulaphula ekuzathuzeni ngokuchasene neLizwi likaThixo. Ngoku, kulihlazo lokuba wayenza, kodwa sele igqithile. Kodwa ngoku sisanqatyi siwe, kwaye olwaqhagamshelo lwenziwa kuKristu uYesu. Siyakwazi oko. UThixo wasinika esona singcono isikhuselo sethu, nje ngokulula ukuthemba iLizwi Lakhe.

<sup>19</sup> Niyayazi, kwaye abaninzi bathi namhlanje ukuba akukho nto injalo njengomtyholi. Bakholelwa ukuba yingcinga nje elula. Bayakukholelwa oko. Kwaye kukho abantu abakholelwa ukuba—ukuba—ukuba uMoya oyiNgcwele yingcinga elungileyo, nokokuba umtyholi yingcinga engalunganga. Kodwa ukuba uyaqaphela, xana iBhayibhile ithetha ngoMoya oyiNgcwele, Wathi, “Xana Yena uMoya oyiNgcwele ethe wafika.” Kwaye “Yena” sisimelabizo somntwiso. Yabona? Ke, Yena, Yena nguMntu. Kwaye umtyholi ngumntu. Kwaye idemoni ngabantu. Ewe, baziidemoni, kwaye ba—bayeza ngendlela ezininzi. Kodwa bacinga ukuba luhlobo oludala loluvo.

<sup>20</sup> Indoda yayixambula kum apha kwiiveki ezimbalwa ezagqithayo. Wathi, “Uyayazi into oyenzayo? Wenza nje ingqondo yabo bantu icinge into ethile xana ubaxelela la nto. Kukuguquka nje kwengcinga.”

<sup>21</sup> Ndahlangana kwanalanto ikwanye e-Indiya ngelinye ixesha, xana loo madoda angcwele phaya apho sasine, ndiyakholwa esona sihlwele sikhulu endakhe ndathetha kuso, kwisihlwele esinye esimileyo, sokuba sisiqingatha sesigidi sabantu, kwaye ndayibamba ngocalulo eMoyeni. Kwaye babeyakubona uMoya oyiNgcwele ebiza abantu, kwaye ebabiza, kuso isihlwele, uze ubaxelele izinto, kwaye ubambise iingcinga zabo. AmaRaja kunye namadoda angcwele, bathi, “Ufunda ingqondo yabo.”

<sup>22</sup> Ke imizuzu embalwa, malunga nesihlanu okanye isithandathu begqithile ngomngca wokuthandazelwa, yaza

indoda eyimfama yeza. Kwaye yayimfamekile ngokupheleleyo, kwaye amehlo ayo ayemhlophe njengehempe yam. Ndaze ndathi, “Ngoku nantsi indoda eyimfama, nabani angabona iyimfama.” Ndaze ndathi, “Ukuba bendingayinceda bendingakwenza oko, kodwa kuphela kwendlela endinokuyenza iyakuba ngokwesipho, mhlawumbi ukutsho into ethile ethe yayenza; kwaye oko kuyakunikeza ingcinga yokuba ukuba uThixo uyayazi ekwenzileyo, ngokuqinisekileyo Uyakukwazi oko iyakukwenza.” Ke ndathi, “Ngoku, ekujongeni yona,” ndathi, “ngoku, ingumnquli welanga. Ibe iyimfama iminyaka engamashumi amabini.” Kwaye, xana itoliki yakutshoyo, kwakunjalo. Ndathi, “Iyindoda etshatileyo. Yona . . .umfazi wayo unokuba mncinci, kwaye inoonyana ababini, omnye malunga nesixhenxe, omnye isithoba.” Oko kwakunjalo ngqo. Ndabiza amagama abo, into eyayiyiyo.

<sup>23</sup> Emva koko okuphuma esihlweleni, endaweni apho abantu babekhona, nako kusiza lamsinga ngaphakathi, “Yeyengqondo, yinto ethile kuluhlu lo—lofundo ngqondo lwengqondo yabo.”

<sup>24</sup> Ndaza ndacinga, “Nkosi, ukuba nje Uyakundinceda. Ndi—ndidinga uncedo Lwakhó, Nkosi. Aba bantu bazama ukubekela oku kufundo lwengqondo. Kwaye ayinjalo, kwaye Wena uyayazi, Nkosi.” Noko, bendiyakubanika iSibhalo awathi uYesu Akenzi nto de uBawo aMbonise. Kwaze emva koko, ndaguqukela ukujonga kwindoda kwakhona, ndayibona nje ngasentla phaya kumbono, inamehlo nje alungileyo njengokuba ndinawo. Ndacinga, “Ngoku lixesha.”

<sup>25</sup> Ndathi, “Le ndoda ngumnquli welanga, ngoku, iye yaba yimfama.” Ndaza ndathi, “Ngoku, i . . .Nabaya abapristi bamaMohamedi, kwaye nabaya a—abapristi bamaSikhs, amaJain, kunye neentlobo ezahlukeneyo zenkolo, iBuddha. Ngoku lendoda ifuna ukwamnkela ukubona kwayo. Ngoku, ubunokutsho ukuba i—inqule indalo endaweni yoMdali. Ndiyakholelwa koko, nam. Kodwa naku sihleli ngobu busuku.” Ndathi, “Kwaye sibe si . . .namhlanje bendonwatyiswe kwitempile yama Jain apho ishumi elinesixhenxe leenkolo ezahlukeneyo zaziphaya ukudlana indlebe nam, kwaye zonke nganye kuzo ichasene noKristu, zonke ngazinye!” Ndaze ndathi, “Ngoku, kwaye abaninzi benu bantu benisezantsi apha. Ngoku, ukuba uKristu akalunganga kakhulu, ngoko le ndoda ifuna ukulunga, kwaye ngokuqinisekileyo uThixo wendalo Owenza ihlabathi uyakuba kukuphela Kwakhe Onokuyinikeza ukubona kwayo. Oko kubhadlile.” Ndaze ndathi, “Ngoku, ukuba nabani wenu bantu, amaMohamedi apha yinkolo ekhokeleyo, ukuba umpristi womMohamedi unokuza apha aze ayinikeze ukubona kwayo, ngoko ndiyakulandela umMohamedi, okanye ukuba umpristi womBhuda unokuza aze ayinikeze ukubona kwayo. Kodwa makathi uThixo Owayenzayo, uThixo, umntu othile unguThixo ndaweni ithile, kuba kufanele

kubenjalo, asinakuba nendalo ngaphandleni koMdali. Kwaye iyakuthabatha uMdali ukudala ukubona kula mehlo. Ibe iyimfama amashumi amabini eminyaka ukusukela ekujongeni elangeni, icinga ukuba iyakuya eZulwini ukuba iyenzile. Indoda yenze oko ngokuswela ulwazi.” Ndathi, “Yintoni nina bapristi bamaBhuda eniyakuyenza? Niyakuguqula nje indlela yayo yokucinga. Beniyakuthi ayilunganga.” Banqula izinyanya zabo ezifileyo. Ndaze ndathi, “Ngoku, beniyakucinga ibinjalo, beniyakuthi yayingalunganga, kodwa yintoni ebeniyakuyenza? Beniyakuguqula indlela yayo yokucinga.” Ndaze ndathi, “Yintoni nina maMohamedi ebeniyakuyenza? Niguqula indlela yayo yokucinga. AmaSikhs, amaJains, kunye nanjalo njalo, ukuguqula indlela zabo zokucinga.”

<sup>26</sup> Ndathi, “Sikwanaloo nto ikwanye e-United States. AmaWisile onke afuna ukwenza onke amaBhaptizi abe ngamaWisile, kwaye amaPentekoste afuna ukuthabatha onke amaWisile aze awenza abe ngamaPentekoste. Kukuguqulwa kwengcinga. Kodwa oko asikoko esithetha malunga nako. Sithetha malunga noThixo, uMdali.” Ndaza ndathi, “Ngokuqinisekileyo uMdali uyakuthetha.” Kwaye, ngoku, bendingayi kukutsho oko ukuba la mbono ubungathanga ube phaya, konke konke. Ngoku ndathi, “Ngoku, ukuba Lowo othe, Yena makabe nguThixo, aze ayinikeze ukubona kwayo.” Ndaza ndathi, “Ngoku ndicela umngeni nawuphi umpristi okanye umRaja, okanye indoda engeweke okanye nantoni enokuba yiyo, ize iyinikeze ukubona kwayo, kwaye ndiyakulandela imfundiso yenkolo yenu, niye nenza umguqulwa.” Kwaye elo yayilelona lakhe lazola igquba labantu endakhe ndaliva. Yabona? Akukho bani wayenzayo.

<sup>27</sup> Ndaza ndathi, “Yintoni eniyithulele kangaka?” Ndathi, “Isizathu ninjalo, kungokuba aninakuyenza, kwaye nam andinakho. Kodwa uThixo weZulu Owavusa uNyana Wakhe uYesu Kristu, thina esisicaka Sakhe, usandla kundibonisa umbona wokuba indoda izakuzaza ukubona kwayo.” Yabona? Ndathi, “Ngoku, ukuba oko akubanganjalo, ngoko ningandikhuphela ngaphandle kwe Indiya. Kodwa ukuba ibenjalo, wonke umntu kuni utyala uYesu Kristu ubomi bakhe. Ndingathanda ukunibuzisa, bangaphi khona apha abayakunikezela ubomi babo kuKristu ukuba lendoda iyimfama ifumana ukubona kwayo? Niyababona abapristi benu, akukho mntu onyukayo eze apha. Kutheni bengezi nje, ukuba baye banixelela ukuba inkolo yabo inkulu kakhulu kwaye inamandla kakhulu? Kutheni umntu othile engezi aze atsho into ethile?” Akukho mntu uzayo. Ndathi, “Ngoko nina bantu phandle phaya, ukuba nibona lendoda iyimfama imile apha . . .”

<sup>28</sup> Kwaze kwanyuka ugqirha ukuza kuxilonga amehlo ayo. Unikine intloko yakhe, wathi, “Iyimfama.”

<sup>29</sup> Ndaze ke ndathi, “Ngokuqinisekileyo, iyimfama.” Kodwa ndathi, “Ukuba . . . Kwaye ukuba uThixo uyinika ukubona kwayo, bangaphi kuni abayakumkhonza uYesu Kristu?” Kwaye kangangokubona kwam, inyambalala yezandla ezimnyama. Ndaguqukela kwindonda, ndaze ndathi, “Nkosi Yesu, makwezeke ukuba Wena unguThixo.” Indoda yandibamba ngokundigona entanyeni, kwaye phaya kwakuhleli usodolopu waseBhombay ehleli phaya, yambamba yamgona entanyeni, ibona nje ngokulungileyo nabani anokukwenza.

<sup>30</sup> Yintoni? Eneneni inga—ingamandla! UThixo nguThixo, kwaye uSathana nguSathana! Ukuba akukholelwa kumtyholi . . . Xana ndaqalisayo, nda—ndaqubisana naye yonke imihla. Musa ukundixelela ukuba akukho mtyholi, ngokuba ndazi ngcono. Kufanela ndilwe naye yonke imihla. Ke ndiyayazi ukhona—ukhona amtyholi. Kwaye kufanele ube uqeqeshiwe xana uhlangana naye. Hayi ukuqeqeshwa kwipsychology, hayi ukuqeqeshwa kwimfundo; kodwa ukuqeqeshwa ngoMoya oyiNgcwele; Amandla kaThixo eLizwi Lakhe ukwenza Lona libonakale. Lwazi utshaba lakho. Owu, enjani ukukhohlakala into ayiyo!

<sup>31</sup> Indlela ebendinokuthanda ukuma ngayo apha ngoku ndihlale kokuya, ndibuyele- ngeBhayibhile ndize ndinibonise indoda emva apha ihlangana ubuso ngobuso. Indlela kukhuphiswano notshaba, bazingabisa ngeLizwi likaThixo. UNowa waba namava ayo, kwaye wayazi ukuba uThixo wayemxelele ukuba iza kunetha. Kwaye ukhuphiswano lwaluqhubeka phakathi kwenzululwazi kunye neLizwi likaThixo: Inzululwazi ithi, “Ayinakwenzeka.” UThixo uthe, “Iyakwenzeka.” Amen.

<sup>32</sup> Lanto ikwanye ikhona namhlanje. Iyakwenzeka! Iyenzeka! Akhona amademoni! Kodwa uYesu uyawakhupha, kwaye Wanika iBandla Lakhe igunya lokwenza njalo, “Ukukhupha amademoni ngeGama Lam!” Wakhupha amademoni asixhenxe kumfazi omhle ngenye imini. Kwaye Wathi, “Xana umoya ongcobileyo uphumile emntwini, uya kwiindawo ezomileyo, ubuyele emva emva koko, uzise asixhenxe amanye amademoni kunye nawo.” Ngoku, oko kubonisa ukuba ukuba umntu wayehlanjululwe kumademoni, kwakukho into ethile eyayikuye eyayiphumile. Umtyholi wayephumile! Ngoku, xana amtyholi ephumile, ukuba uThixo . . . unikeza uThixo ithuba lokungena. Ke, kwaye xana ephuma, vumela uMoya oyiNgcwele ungene. Sukuyiyekela nje phaya. Ukuba uyaguquka nje kwizono zakho uze uqhubeke, ngoko uzakuba mandundu kunakuqala. Kodwa fumana la ndawo apho uSathana wakhe wahlala waza wayibanga, yenze izaliswe nguMoya oyiNgcwele kaThixo, kwaye ngoko uyakuba namandla eLizwi likaThixo kuwe, libonakalisiwe, uze ukhuphele ngaphandle amademoni.



Ukhuphiswano luyaqhubeka. IziKhanyisi zangokuhlwa ziyakhanya. UMoya oyiNgcwele kaThixo ukhona.

<sup>33</sup> Kwaye ngoku kumalunga—malunga nemizuzu emithathu kude kube lixesha eziyakuthi zivuthelwe ngayo iimpempe, kwaye iyakuba sembindini wobusuku. Ngoko njengoko sishiya esi sakhiwo, ukuya kwiindawo zethu ezahlukeneyo namakhaya ethu, size sihlangane ngaphandle, size sihlangane nehlabathi, masingenzi njengokuba senzile kumaxesha agqithileyo. Masihambe emandleni ovuko Lwakhe. Masihambe eGameni likaYesu Kristu, nebhanile iphakanyiselwe phezulu, kunye nokholo eLizwini Lakhe, ukubamba iKrele elintlangothi-mbini, kunye nekhaka nesikrweqe esigcweleyo sikaThixo, ukuhlangabeza utshaba, ngokuba luba namandla nokomelela ngakumbi mihla yonke. Njengo—njengoko utshaba lusiza njengempuphuma, uMoya kaThixo unyusa izinga ngokuchasene nalo. Ukuba sifikelele esiphelweni sezi zinto esithi thina...kunye iimfihlelo zikaThixo zigqibekile kuthi, sikhangele amandla angakumbi, amandla oxhwilo, ukuze sihlangane namandla angaphezulu, ayakulixhwila iBandla aze aLithabathele kuZuko. Kufuneka sibe nawo. Masihlanganeni nowe '63 ngomcelimngeni, ngokufana, singabakhonzi boThixo ophilayo! Kwaye njengo Shedreki, Mesheki no Abednigo bakudala, asiyi kuqubuda kumademoni eli hlabathi kwaye sithabathe sibuyise lento yokuba oko sithethe malunga nako, kodwa masityhalele edabini.

<sup>34</sup> Ndiziva ngobu busuku, njengoko siphulaphule ezompempe, into ethile njengoDavide wenzayo ngoba busuku bobushushu oboyikekayo xana walala phandle phaya phantsi kwamatyholo emibhaka, kwaye utshaba lalivuseleleka. Enjani iyure efanele yayiyiyo kuDavide! Elinjani ixesha kuye eleli phaya! Wayengayazi makenze njani, wayengayazi makahambe njani, ngokuba wayesazi wayenganyelwe ngokwamanani. Kodwa, konke ngaxeshanye, weva isandi soMoya ugqitha phezu kwamatyholo. Wayazi uThixo umandulele, waza waya edabini. Ndivakalelwa yinto ethile efana naleya ngobu busuku, emveni koMyalezo wobusuku obugqithileyo, Ndilele kweyona yure imnyama endakhe ndajongana nayo ebomini bam. Ndivakalelwa njengo Isaya etempileni emveni kokubona ezo ngelosi, Ndingumntu omilebe iyingqambi, kwaye ndihleli phakathi kwabantu abamilebe iyingqambi. Kodwa phulaphula, mna—mna...ndifanele ndihlangane nalo ngendlela ethile, kwaye, kuphela kwentlo, ndilindele ukuva esasandi sivuthuzayo sigqitha kumatyholo womthi wombhaka, ukuya kuhlangana notshaba naphina apho lukhoyo. Sincede Thixo siyenze.

<sup>35</sup> Kwaye ngoku ndicinga ngumzuzu kude kube yintsimbi yeshumi elinambini. Kwaye owe '62 kunye nako konke okwakhe okugqithileyo, mayibe kokugqithileyo.

<sup>36</sup> Masiphakame sime ngeenyawo zethu ngoku, ngamnye womntu wonke wethu. Ukhuphiswano luyaqhubeka. Ngamnye kuni. . . UPawulos wathi, “Sithi sizilibala izinto ezigqithileyo,” zonke iimpazamo zethu zonyaka ophelileyo, “Ndiphuthuma ngokuxunela umvuzo wobizo lwaphezulu.” Zonke iimpazamo zam endithe ndazenza kuyo yonke le minyaka, ndixolele ngazo. Thixo, ndixolele. Bandla, ndixoleleni. Kunye nolungiselelo endithe nda—ndasilela ngalo, ndivakalelwa; Thixo, ndixolele ngalo. Bandla, ndixoleleni ngeempazamo zam. Kwaye ndiyakuphuthumela ukuxunela kumvuzo wobizo lwaphezulu kuYesu Kristu. Nantoni ephethwe ngungomso, andiyazi, kodwa ndiyamazi Lowo ubambe u-1963.

<sup>37</sup> Masiphakamiseleni izandla zethu kuThixo ngoku kwaye sithandaze ngendlela eyeyethu, njengoko sisenza iintlambululo zethu, kwaye sicela uThixo asincede ngawo lo nyaka uzayo.

<sup>38</sup> Bawo waseZulwini, njengoko simile apha, njengoko iingcinga ezininzi zisifa ezintliziyweni zethu, kunye nangeempazamo zonyaka ophelileyo, kwaye njengoko sisondelela ekufeni kowe-62 kunye nokuzalwa kowe-63, Owu Thixo, sanga singaba linyathelo elinye eliphezulu kwileli, side sibe nokubona uYesu nenkqubo Yakhe. Wanga wonke umntu apha, Nkosi, emthandazweni, ngelixa unyaka omdala usifa, kwaye uzalo olutsha lonyaka omtsha lungena, yanga esomntu omdala isono nokungakholwa zingafa ziphume entliziyweni yethu, kwaye uZalo olutsha lungene kunye nowe-1963, njengesandi sovuthuza, ngamandla uMoya ongathi uzalise iziqu zethu kwaye usenze sibe zizidalwa ezitsha kuKristu.

<sup>39</sup> Senze sibe zizicaka ezifanelekileyo. Xolela okugqitheleyo kwethu. Sikelela ikamva lethu. Sikhokele, Owu Nkosi Thixo, ngesandla Sakho esinamandla, Yehova. Sikelela aba balungiseleli apha. Sikelela wonke umntu, bonke abahambeli. Yiba nathi Wena, Nkosi. Singabakhonzi Bakho kwaye siyazinikela ngokupheleleyo kuWe ukwenzela u-1963, okokuba amandla kaMoya Wakho angaba nolawulo olungaphezulu ebomini bethu nakubuqu bethu. Sincede, Thixo. Sixolele kwaye usincede, siyathandaza. Vusa amadoda amakhulu anamandla! Vusa amagorha emfazwe oKholo! Vula ngalo nyaka, Nkosi, la Mana ifihlakeleyo, ela Lite ngaphantsi kwelitye, okokuba sibenokubona inkqubo kaThixo. Thwesa iphiramidi yobomi bethu, Nkosi; beka iNtlokolitye, uKristu Yesu, phezu kwakhe ngamnye wethu sonke. Yanga ezintle eZakhe ezinkulu, iintsikelelo ezingcwele zingaba phezu kwethu sonke. Wanga umlilo kaMoya oyiNgcwele ungeza phezu kwethu. Anga amandla ovuko angabonakalaliswa. Thixo, indlela esikubulela ngayo Wena, ngobu busuku. Singabakho Wena. Siyazinikezela ngokupheleleyo kuWe, Nkosi.

<sup>40</sup> Njengoko ndisiya ngaphaya, ndingayazi apho okanye njani, okanye yintoni endiyakuyenza, Ndithemba Wena, Thixo

uSomandla, ukuba Uyakundikhokela, ongenangeniso umkhonzi Wakho, okokuba ndinga ndingasetyenziselwa kwimbeko nozuko lukaSomandla. Siphe oko, Bawo.

<sup>41</sup> Yamkela imithandazo yethu. Sikelela imizamo yethu. Philisa abagulayo nabaxhwalekileyo, ngokubini emoyeni nasemzimbeni. Kwaye senze abakhonzi Bakho. Siludongwe, Wena unguMbumbi. Sibumbe, ngamnye kuthi, ngendlela eyeYakho Wena, ukuze sibe nokunxibelelana noKristu uYesu, njengelungu loMzimba Wakhe. Kuba oko sikucela eGameni likaYesu, nokwenzela isizathu Sakhe nesizathu seVangeli. Amen na amen.

[Umzalwana uthethe ngolunye ulwimi. Omnye umzalwana unikeza utoliko—Mhl.]

<sup>42</sup> Enkosi kuWe, Bawo Thixo. Sibulela Wena ngezi zibongozo zoNyaka oMtsha ezisithumela ngaphandle namathemba kunye nentuthuzelo yokwazi ukuba ngako ukuthethwa kwala magama kula madoda ebengayazi, ukuba uMyalezo yinyaniso, kwaye Wena usicela ukuba sime ngakuWo. Siyakukwenza konke oko esikwaziyo kwenziwa njani, Nkosi, ukuma ngakuWe nangakwiLizwi Lakho.

<sup>43</sup> Samnkele eGameni laLowo Owasifundisayo sonke ukuba sithandaze ngoluhlobo, [UMzalwana uBranham nebandla bathandaza ngokuhlengeneyo—Mhl.]: “Bawo wethu OseZulwini, maliphathwe ngobungwele iGama Lakho. UBukumkani Bakho mabufike. Intando Yakho mayenziwe emhlabeni, njengoko isenziwa eZulwini. Siphe namhlanje thina isonka semihla ngemihla. Kwaye usixolele iziphoso zethu, njengokuba sibaxolela abo basonayo thina. Kwaye ungasingenisi ekuhendweni, kodwa sisindise enkohlakalweni; kuba uBukumkani boBakho, namandla, nozuko, ngonaphakade. Amen.”

<sup>44</sup> INkosi inisikelele kwaye inigcine. Kodwa abo ngoku bafanele baye emakhayeni abo. . .Ngoku yimizuzu emihlanu kamva, yimizuzu emihlanu kowe '63. Ngoku wanga uThixo anganisikelela. Kwaye—kwaye nina nifuna ukuhlalela umthendeleko, namnkelekile nje ukhuhlala, siyakuvuya ukuba nani. Asingomthendeleko uvaliweyo, ungowalo lonke ikholwa elikubudlelane noKristu. Namnkelekile ukuhlala kwaye nithabathe umthendeleko kunye nathi. Kwaye isizathu sikwenza oku kungokuba oku yinto yokuqala, siqalisa uhambo. Kwaye uSirayeli, ngaphambi kokuqalisa uhambo lwabo, babulala imvana baza batya amagqabi akrakra, baze baqalisa uhambo labo. Kwaye ndiye ndacinga, “Kufaneleke kanjani oku ngobu busuku!” IMvana ibulewe, Ibe ilungisiwe, isidlo, kwaye kusebindini wobusuku. Oko kuxa bayidlayo, niyayazi, embindini wobusuku. Ke masi, nina enifuna ukuhlala kunye

nathi nize nizilungiselele uhambo oluzayo, oluleli ngaphambili, siyakuvuya ukuba nani. UThixo anisikelele.

<sup>45</sup> Kwaye nina ekufuneka nihambe ngoku, ningaya kumakhaya enu, kwaye uThixo abe nani de sihlangane kwakhona. Amen. Abanye benu bangahlala kuze emva koko siyakuqalisa umthendeleko. Udade uzaku . . . Kulungile, mhlekazi.

Side sihlangane! side sihlangane!

Side sihlangane ezinyaweni zikaYesu; (Side sihlangane!)

Side sihlangane! side sihlangane!

UThixo abenani side sihlangane kwakhona!

<sup>46</sup> Masiyicile kwakhona ngelixa silindileyo, niyayazi, kwabo abaphumayo. Bangathi cwaka, kuze emva koko lena yinto endilisekileyo. Ndizakufunda into ethile kwiSibhalo apha nje emzuzwini elunge kakhulu, kakhulu, kakhulu. Kwaye ngoku masiyiculeni kwakhona.

Side sihlangane! Side . . .

Masixhawule nje izandla nomnye. Ukuba kukho nantoni engalunganga ebomini benu, lamntu ulapha othe wamenza ngokungalinganga, yiya kubo ngoku uze uyilungise.

Side sihlangane! side sihlangane!

UThixo . . .

Angeza na umdlali wepiyano eze ukuzakudlala ipiyano, ndiyamcela?

. . . nani de sihlangane kwakhona!

Side thina . . .

<sup>47</sup> [UMzalwana uNeville uthi, “UThixo akusikelele, Mzalwana uBranham.”— Mhl.] Ndinikela konke oku ezandleni zakho, Mzwalana uNeville. [“Nkosi ikusikelele. Ndiyakholwa . . . ? . . .”] . . . ? . . .

Side sihlangane!

UThixo abenani side sihlangane kwakhona!

UThixo akusikelele, mzalwana.

Ukukhathalele,

Ukukhathalele;

Ekukhanyeni kwelanga okanye amathunzi,

Ukukhathalele.

Masiyicile kwakhona.

Ukukhathalele,

Ukukhathalele;

Ekukhanyeni kwelanga okanye ethunzini,

Ukukhathalele.

<sup>48</sup> Okuya kühle? Masiyicile kwakhona ngelixa bezola.

Yena . . .

Valani nje amehlo enu.

. . . ukwenzela wena

Ukukhathalele;

Ekukhanyeni kwelanga okanye ethunzini,

Ukukhathalele.

<sup>49</sup> Bawo waseZulwini, sivuya kakhulu ukuba sikufumene oko kuyinyaniso, kwiyure yethu eyona imnyama okanye ngokukhanya kwelanga, Akaze ahambe emnke okanye ashiye. Sivuya kakhulu ngako okuya esinako, intembelo yethu ayakhelwanga phezu kwanto ingaphantsi kuneGazi likaYesu nobulungisa. Siyathemba, Nkosi, hayi kwindumasi yeli hlabathi. Sithemba, asisokuze sithembe oyena mntu ubalulekileyo, kodwa kuphela kukweyama ngokupheleleyo kwiGama likaYesu. Indlela esikubulela ngaYo, Bawo.

<sup>50</sup> Ngoku simalunga nokuthabatha inxaxheba kwenye ya—yambalwa awamvelo amanqaku Wena owasishiya nawo. Enye yawo lubhaptizo, enye ngumthendeleko, kwaye elandelayo luhlambo lweenyawo. Owu Thixo, singena nje ngondiliseko, sisazi ukuba leMvana yiMvana yepasika. O—olukhulu uhambo lwasentlango luleli nje phambi kwabantwana. Igazi kufanele kuqala libekwe esibondeni somnyango, ngaphambi kwemvana yepasika ibe nokuthatyathwa.

<sup>51</sup> Thixo, xilonga iintliziyo zethu ngoku. Ingaba iGazi liphaya, Nkosi? Ukuba akunjalo, siyathandaza ukuba—ukuba Uyakuqibala kanye ngoku, ususe izono zethu kwaye uzigqume, kwaye ziyakususwa kuthi, Nkosi, izono zeli hlabathi, ukuze sibe nokuba ngwele nokufaneleka kuBawo wethu ngoku njengoko sisiza kuthabatha u—umzimba neGazi eliphalaziweyo leMvana yethu, uNyana kaThixo, uMsindisi wethu. Xilonga iintliziyo zethu njengoko sifunda, Bawo, kwaye ngoko usenze sibe ngaBakho Wena. Kuba sikucela oko eGameni leMvana, uYesu Kristu. Amen.

<sup>52</sup> ENcwadini ya—yamaKorinte, isahluko se-11, ndinqwenela ukufunda imiqolo embalwa, ukuqalisa kumqolo we-23 ndifunda oku. NguPawulos ethetha kwibandla laseKorinte.

*Kuba ndakwamkela kuyo iNkosi oko ndikunikeleleyo nokunikela kuni, Okokuba iNkosi uYesu kwangobusuku. . . eyanikelwayo ngayo yathabatha isonka:*

*Yaza yakuba ibulele, yasiqhekeza, yaza yathi, Thabathani, kwaye nidle: ngumzimba wam owaphulelwe nina: oku kwenzeleni ukundikhumbula.*

*Kwangokunjalo yathabatha nayo indebe, kwaye emva kokuba idlile, yathabatha indebe, kodwa xana wayedlile. . .*

Ndixoleleni. Mandiphinde ndiyifunde.

*Kwangokunjalo yona kananjalo yathabatha indebe, kwaye emveni kokuba idlile, yathi, Le ndebe ingumngophiso omtsha osegazini lam: kwenzeleni oku ukukhumbula, ngamaxesha onke enisukuba nikusela oku, kwenzeleni ukundikhumbula.*

*Ngamaxesha onke nisidla esi sonka, kwaye nisela lendebe, niyakwazisa kwangaphambili ukufa kweNkosi ide ifike.*

*Ngoko ke osukuba esidla esi sonka, ayisele indebe yeNkosi, ngokungafanelekanga, woba netyala kumzimba negazi leNkosi.*

*Ke makazicikide ngokwakhe umntu, aze ngokunjalo adle kwisonka, asele kwindebe leyo.*

*Kuba lowo udlayo uselayo ngokungafanelekileyo, uzidlela aziselele ukugwetywa kwakhe, engawucaluli umzimba weNkosi.*

*Ngenxa yoku baninzi phakathi kwenu abagulayo nabaswele amandla, . . . abaninzi balele ukufa.*

*Kuba xa besizicalula ngokunokwethu, ngesiba asigwetywa.*

*Sigwetywa nje ke, siyaqeqeshwa yiNkosi, ukuze singasingelwa phantsi ndawonye nehlabathi.*

*Ngoko ke, bazalwana bam, xana nihlangana ndawonye ukuba nidle, lindanani.*

*Kwaye ukuba ubani ulambile, makadle ekhaya; ukuze ningahlangani ukugwetywa. Eziseleyo ke iindawo ndozilungisa, xa ndithe ndafika.*

<sup>53</sup> Njengoko ndicinga ngoku, elona xesha lindilisekileyo! Kubhaliwe kananjalo ukuba xana lo mthendeleko waqalayo ukunikezwa, kunye nohlambo lweenyawo . . . oko sifanele sikutsibe ngobu busuku, ngokuba asinamanzi. Amanzi acinyiwe, kwaye asikhange sibenazo kwa izindlu zangasese ngobu busuku, ngokuba baya bafuneka bayixokomezeelele kunye ngendlela engcono abakwazileyo, ukwenzela thina sibe nalenkonzo ngobu busuku. Kodwa siyakwenza njengokuba benzile, ndathi, ndiyakholelwa uLuka uyivakalisile, okokuba “Baye bacula iculo baza baphuma.” Kodwa niyakwazi ukuba oko kumele ntoni na? Niyayazi, ekuqalekeni, xana lomyalelo waqalayo ukwenziwa kwaSirayeli, ezantsi eYiphutha, babesendleleni yabo ukuya kwilizwe lesithembiso. Kwaye oko koko siziva ngokufana nako ngobu busuku, okokuba sisendleni eya eZweni leSithembiso. Kwaye uhambo lulele phambi kwethu.

<sup>54</sup> Kwaye babenomqondiso, wokuba xana ingelosi yokufa isondela, ukuba kufanele kubekho igazi emnyango, okanye unyana omdala okanye umntwana omdala wayesifa endlini. Inginga yayikukuba, kwaye intsingiselo eyona

eyayiyiyo, kuqala qaba igazi. Ingaba niqwalasele indlela uPawulos awayibeka ngayo apha? “Ukuba nabani uthi adle ngokungafanelekanga, uzidlela kwaye uziselela umgwebo, ekubeni engawucaluli umzimba weNkosi,” oko kuthetha into ekwanye, okwakufa, ukufa ngokomoya, kulele phezu komntu oyakuxhamla kwisidlo sangokuhlwa seNkosi ngokungafanelekanga. Oko kuyakuba, ukusela nokuqhubeka, nokuphila ngendlela yehlabathi, uze uze kwisithebe seNkosi. Asifanele sikwenze oko. Ngoku masicoce iintliziyo zethu kwaye sicoce izandla zethu kwi. . . neengqondo zethu ekucingeni okubi, ukuze sibe nokuza esithebeni seNkosi, ngembeko nobungewele, njengoko sisazi ukuba sizinxulumanisa neDini lethu, uKristu Yesu, Lowo ukuphela kosindiso lwethu.

<sup>55</sup> Kwaye ngoku, ngobu busuku, indlela esikwenza ngayo oku, enye yamadoda amakhulu ima apha, uMzalwana Zabel. Kwaye ndicinga, Mzalwana uZabel, ngobu busuku, ukuba ungabiza ukusuka eqongeni kuqala, ukuze abo bantu bangeza ukusuka eqongeni baze benze umgca kuqala apha, ukuba uyakuyenza. Ngoku, uMzalwana uZabel uzakunalathisa, yimizuzu embalwa, kwamsinya sisenza intsikelelo phezu komthendeleko.

<sup>56</sup> Esi sonka sekosher, senziwe ngamaKristu. Sisonka esingenagwele. Kwaye ukuba niyakusiqaphela, xana usibeka emlonyeni wakho, singqwabalala kakhulu, sikrakra. Sishwabene kwaye sophukile, sixubene, oko kuthetha ukwaphuka, umzimba owonakalisiweyo weNkosi yethu uYesu. Owu, xana ndicinga ngayo, intliziyo yam ikhangeleka itsiba ukubetha! Xana ndicinga ukuba Waxovulwa kwaye watyunyuzwa kwaye wabethwa, uNyana omsulwa kaThixo! Ingaba niyayazi kutheni Wakwenzayo oko? Ngokuba ndandinyala. Kwaye Yena waba ndim, umoni, ukuze mna ngeDini Lakhe ndibe nokufaniswa naYe, unyana kaThixo. Elinjani iDini!

Masithobise iintloko zethu.

<sup>57</sup> Thixo Ongoyena uNgewele, njengoko ndibambile kuletshaja yentsimbi ngobu busuku, esi sonka esimele owaphulweyo, waxovulwa, watyunyuzwa, wabethwa umzimba weNkosi yethu, apho la mprofeti wadandulukayo, “Wahlatywa ngenxa yezono zethu, watyunyuzwa ngenxa yezikreko zethu, ubetho lokuba sibe noxolo lwaba phezu Kwakhe, kwaye ngemivumba Yakhe saphiliswa.” Owu, indlela esikukhumbula ngayo oko, Nkosi! Njengoko ndizibophelela kwela Dini ngobu busuku, kunye nesi sihlwele ngokunjalo, Nkosi, kulo iDini, sanga singakhumbula iNkosi yethu, ukufa Kwayo nokutyatyulwa Kwayo, kunye nako konke oko Yangqitha kuko ngenxa yethu, njengoko sithabathela esi sonka emlonyeni yethu. Thixo, singabantu abangafanelekanga, asifanelekanga kwenjalo into engewele, ke yenza ubungewele Bakho, Nkosi, uBukhona Bakho neGazi Lakho, licoce iintliziyo zethu. Kwaye njengoko sisamkela, sanga

singagqiba ezingqondweni zethu ukukhonza Yena lonke ixesha emini nasebusuku, yonke imihla yobomi bethu. Ngoku ngcwalisa esi sonka ukwenzela injongo yaso yokusisebenzisa. Sicela eGameni likaYesu. Amen.

<sup>58</sup> Kwaye ndibambe oku ezandleni zam, njengama shumi amathathu-. . . malunga namashumi amathathu anesithathu eminyaka yokukhonza endithe ndakhonza iNkosi yam, kwaye ndinentloni ngesiqu sam. Kodwa ndicinga, bendiyakwenza ntoni ukuba bendinamathontsi amabini eGazi Lakhe ndiwabambe esandleni sam ngobu busuku? Bendiyakwenza ntoni ngalo? Kodwa, niyayazi, ndibenako ezandleni zam ngobu busuku, emehlweni Akhe, okukhulu, kokuthengwe liGazi Lakhe, iBandla Lakhe. Ke xana ndibambe oku, kunye nencidi yezi diliya, ndicinga ngokuya. Wathi, “Andiyi kuphinda ndisele kwisiqhamo salomdiliya de Ndiwusele kunye nani ngokutsha eBukumkanini bukaBawo waM.” Ngoko qaphelani okokuba emveni kwemfazwe yesono iphelile, into yokuqala esiyenzayo xana sibetha kwelinye icala kukuthabatha umthendeleko, isidlo sangokuhlwa seNkosi.

<sup>59</sup> Kwaye masiqubudeni iintloko zethu ngoku ngelixa sisikelela lewayini. Bawo wethu waseZulwini, xana ndicinga, njengoko ndibambe lewayini apha emele iGazi likaYesu, indlela ekuthi ngokumpompoza kwelaGazi izono zam zinkile. Zibekwe kuLwandle Lokulibala, kwaye zingasayi kuphinda zikhunjulwe. Kwaye ngeli Gazi, inkwenkwe efayo ngenye imini ilele ngaphaya esibhedlela, kwaye Wena wandisindisa. Owu Thixo, indlela endikubulela ngayo Wena, Nkosi. Kwaye ngoko undinike umyalelo, ngoMoya oyiNgcwele, ukukhokelela abantu eKhalvari nokubabonisa indlela eya eKhaya. Enkosi kuWe, Bawo. Kwaye ngoku ngcwalisa lewayini ukwenzela injongo yokuyisebenzisa. Kwaye wanga wonke umntu othabatha inxaxheba kulomthendeleko, ngobu busuku, angamnkela akamoya nawenyama amandla ukwenzela uhambo olulele ngaphambili. Kuba sikucela eGameni likaYesu. Amen.

[IBandla lidliswa umthendeleko. Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

<sup>60</sup> Ukuma apha nokubukela amasapho engena, kwaye leyo yindlela eyakuba yiyo ngenye yezi mini, imizalwana ngemizalwana, uluhlu ngoluhlu, iqela ngeqela, omnye ngamnye. Xana sihlangani naYe, elinjani ixesha eliyakuba lilo, xana bonke ubomi boluntu obe buphezu komhlaba, obuthe bakholelwa kuYe kwaye baMthemba, buyakuhlangana phaya ngala Mhla. Ayiyi kuba yemangalisayo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

<sup>61</sup> Sifanele sitsibe uhlambo lweenyawo ngobu busuku ngenxa yamanzi. Asinazindawo zaneleyo kanye ngoku, kwaye ziyakulungiswa kwamsinyane, siyathemba. Bayaqhubeka kakuhle, kwaye besebenza ngokukhawuleza kumnquba omtsha.



Ngenye indlela ndicinga ukuba oku kokufaneleke kakhulu ukuba nomthendeleko ekuqaleni konyaka ngoluhlobo, ngeli xesha losuku.

<sup>62</sup> Ngoku, nina abasuka ngaphandle edolophini, qhubani ngononophelo kakhulu ngomso njengoko nigoduka. Wanga uThixo angaba nani. Kwaye nina apha basekhaya, kufutshane, uThixo abe nani kwaye anincele. Kwaye ngoku, iNkosi ithandile, kwaye ndifanele ndimke ukwenzela lomhlangano ulandelayo phezulu e-Arizona, kwaye ngoko ukuba uThixo uthandle, ndizakubuya ndibe nani kwakhona ukwenzela *Amatywina Asixhenxe*, kwaye njengoko bendithembisile. Ndingwenela ngokuqinisekileyo imithandazo yenu. Ndinidinga kakubi kakhulu, ke musani ukulibala ukundithandazela. Kwaye yanga yonke into inganihambela kakuhle. Kwaye ngokuqinisekileyo ndiyakuncoma ukubakhona kwenu nendlela enithe naphulaphula koko ndithe ndakuthetha kwiVangeli. Ndiyakholwa ukuba senza inguqu ngoku. Kwaye ndi, ndibulela nina ngobubele benu.

<sup>63</sup> Kwaye abaninzi benu baqhuba iimayile neemayile ukuza kuva umntu olula njengam ndizama ukuzisa iLizwi likaThixo. Ndiqinisekile ibe iyinto engaphezu kunoko eniza kuyiphulaphula ngaphandle kwam, ngokuba andinanto endinokuyizisa. Andifundanga, andibalulekanga, akukho nto malunga nam. Ngoko xana ndibona abantu beqhuba amakhulu namakhulu eemayile, baze bame kwaye balinde apha, ngentsimbi yesibini ekuseni, ibingeyonto ebendinayo. NguKristu. Ndivuya kakhulu niyamthanda Yena. Kwaye ndiyamthanda Yena, nam. Kwaye sonke siyaMthanda. Kwaye ngenxa yokuba siMthanda, asisokuze kufuneke sahlukane. Singahlukana okwethutyana elincinane apha, njengoko ixesha liqhubeka, kodwa siyakuhlangu kwakhona. Ibe ilibhongo lam nje ukuzama ukukhokelela abantu kula ndawo.

<sup>64</sup> Kwaye ngoku ukuqalisa unyaka omtsha, ndifuna ukuthi, hayi “Vuyo Lonyaka Omtsha” kuni, Ndifuna ukutsho oku kuni, “UThixo anisikelele.” Kwaye ukuba Uyakwenza oko, kuko konke eniyakukudinga ukwenzela unyaka ozayo. Kwaye ndiyathemba ukuba Uyakuyenza.

<sup>65</sup> Kwaye mna, ngobabalo Lakhe, sizakuzama kulo nyaka ulandelayo, Uyakundigcina, anigcine, ngobabalo Lakhe ndiyathemba ndingumalusi ongcono kulonyaka uzayo kunokuba ndiye ndanjalo kulo nyaka, ndiyathemba ndiyakuba ngumkhonzi ongcono kuKristu. Ndiyakuzama ngamandla ukuhlalela kufutshane, ndinyaniseke ngokungaphezulu, ukuzisa uMyalezo njengokuba Yena endinika, ndiyakuwuzisa Wona kuni ngokungcono endinokuba nakho, ndingabambi nto ayakuthi Yena afune ukuninika. Ndiyakwenza konke oko endikwaziyo kwenziwa njani. Kwaye ndiyayazi ukuba nivakalelwa ngendlela ekwanye. Ni—nivakalelwa ukuba sonke

sifuna ukusebenza ngokuhlangeneyo ngoku, kuba izikhanyiso zangokuhlwa ziba mfiliba, kwaye ilanga selatshonayo. Umhlaba uyaphola, siyakwazi oko, ngokwasemoyeni ukuthetha, ibandla liyaphola kwaye imvuselelo igqithile. Asiyazi elandelayo, kodwa sizakuthemba uThixo ngalonto, nantoni eyiyo. Kwaye ngoku njengoko ngamanye amaxesha. . .

<sup>66</sup> Ndifuna nikhumbule ukuba umnquba apha unoyena ungcono wabelusi abakhoyo ehlabathini, uMzalwana u-Orman Neville, indoda enobuthixo, indoda elungileyo. Kwaye xana ndingekho, uMzalwana uNeville uphetha ngokupheleleyo, nje ngokufana nokuba bendilapha. Amathenjwa, amadikoni, kunye nanjalo njalo, makahlale kwizikhundla zawo nje ngoko esenza. Kwaye lona ngundlunkulu. Apha kulapho si—si—simise khona, kanye apha. UBilly Paul akasayi kuba nam phaya, kuphela nje ukwenzela umhlangano, uyakuba ebuyela emva apha. Umsebenzi kunye nako konke kuyenzeka kanye apha nje ngokufanayo. Nje ukumka apha, oko akuthethi ukuba ndiyanishiya. Ndiyahamba nje, niyaqonda, ngumbono nje. Andiyazi uthetha ntoni. Ndiyathemba kwaye ndiyakholwa ukuba kuyakuba kokokwenzela ngcono iBandla lonke. Kwaye ndiyayazi kuyakubangcono kuthi sonke ukuba silandela inkokhelo yeNkosi. Kuko konke esikwaziyo kwenziwa njani. Akululanga kum. Ndiyakhumbula ngaxesha lithile ngaphambili kwafuneka ndimke ebandleni apha. Abanye boomadala bayakukhumbula oko, indlela endandingakwazi nje ukuyenza! Ndiyabathanda abantu.

<sup>67</sup> Xana ndandiyinkwenkwe encinci ndandingathandwa, kungekho mntu undikhathaleleyo xana ndandiyintwana, kwaye nda, xana ndafumanisayo ukuba umntu othile wayendithanda, nda—ndacinga, “ndifuna ukubafela.” Kwaye ngoku, ngokuba umntu othile uyakuthanda, umntu othile ukukhathalele. Ndandikhwela ngelinye ixesha epalini kwaye igwegwe lam laphuncuka kwipali endala yomsedare, kwaye isiqhoboshi sasiphezulu ngasentla, ndaza ndayibetha ngemviko yam ndaza ndaguquka, ndawa malunga neenyawo ezilishumi elinesihlanu ndaza ndabambeka ngengalo yam. Inenekazi lakhwaza, kwaye ngahlobo luthile lazimpampatha ngokufana *nokuya*. Ndasoloko ndilithanda ela nenekazi, lakhathala. Wayengumntu othile owakhathalayo. Kwaye ndasoloko ndicinga, “nabani owandikhathalayo, ndiyabathanda.”

<sup>68</sup> Kwaye apha ngelinye ixesha ndandisedolophini, ndandicinga ngemihla eyayiqhele ukuba yiyo, noko uThixo awandenzela kona, kwaye ngokuqinisekileyo ndikuxabisile. Kwaye ndiyanibulela ngothando lwenu nobudlelwana. Kwaye andisokuze ndizame ukunikhokelela ngokungalunganga. Iyakusoloko isiba yindlela elungileyo, okungcono kokwazi kwam. Kwaye ndithabatheleni kokubhaliweyo, andizange ndatsho nantoni malunga nesiqu sam, ibe isoloko inguYesu

Kristu. Yabona? Yabona? Ndizame ukuhlala nje kufutshane neLizwi Lakhe njengoko ndisazi kuhlalwa njani, ukunikhokela nokuningqanqwadela kule ndawo.

<sup>69</sup> Kwaye ndininikela ngoku ezandleni zika Mzalwana uNeville, kuqala ezandleni zikaThixo, kuze emva koko esandleni esikhathalayo sika Mzalwana uNeville, ukwalusa ibandla nokujonga ilifa ndide ndibe nokuba nalomhlangano kwaye ndibuyele kuni kwakhona. Endithembayo ukuba ngela xesha ndinganizisela isityhilelo esikhulu esisuka kuThixo, esiyakwenza imincili yonke intliziyo kwaye sizukise iBandla likaThixo.

<sup>70</sup> Siqhele ukuthabatha umthendeleko. Andifuni ukutsho ngakumbi, niyayazi ndivakalelwa kanjani. Kwaye ndicinga ingoma esifanele siyicile kanye ngoku, *Ukholo Lam Lukhangela Kuwe, Wena Mvana yeKhalvari*. Kwaye ngelixa sisima sicula, masixhawule izandla omnye nomnye, size sithi “uThixo akusikelele.”

Lukhangela kuWe ukhoho lwam,

<sup>71</sup> UThixo akusikele, mzalwana. UThixo akusikele, dade. UThixo akusikele, dade.

Msindisi . . .

UThixo akusikelele, mzalwana.

. . . Ngcwele.

Ngoku . . .

. . . ? . . .

. . . Wakho ngokupheleleyo!

Ngoku masiphakamiseleni kuYe izandla zethu.

Lukhangela kuWe ukhoho lwam,  
Wena Mvana yeKhalvari,  
Msindisi oNgcwele;  
Ngoku ndive ngelixa ndithandaza,  
Susa lonke ityala lam,  
Owu ndenze kusukela ngale mini  
Ndibe ngoWakho ngokupheleleyo!

<sup>72</sup> “Side sihlangane!” masicule *Side Sihlangane Kwakhona*. Wonke umntu ngoku angene.


Side sihlangane! side sihlangane!  
Side sihlangane ezinyaweni zikaYesu;  
Side sihlangane!

. . . ? . . .

. . . abe nani side sihlangane kwakhona!

Side sihlangane! side sihlangane!  
Side sihlangane ezinyaweni zikaYesu; (Side  
sihlangane!)  
Side sihlangane! side sihlangane!  
UTHixo abenani side sihlangane kwakhona!

Masithobiseni iintloko zethu ngoku.

<sup>73</sup> Mzalwana uNeville, kutheni, akunakusindulula  
ngomthandazo? UThixo akusikelele. 

*UKHUPHISWANO XHO62-1231*  
(The Contest)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngoMvulo ngokuhlwa, ngoDisemba wama-31, 1962, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2023 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE  
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)